Umlambo ngumjelo omkhulu wamanzi. Amanzi omlambo ahamba aye kufikelela echibini okanye elwandle. Imilambo iye incede uluntu kwanezilwanyana.






Mininzi imilambo esinayo kwilizwe laseMzantsi Afrika kwaye yahlukile ngobungakanani.

## Umlambo iGqili

Lo ngumlambo iGqili.

Kudala wawubizwa ngokuba ngumlambo iRhariphu. Umlambo iGqili ngowona mlambo mde eMzantsi Afrika. Uqala kwilizwe iLesotho unqumle emazantsi eAfrika uya kwilizwe iNamibia.

Nangona umkhulu lo mlambo, izikhephe ezinkulu neenqanawa azikwazi ukuhamba kuwo ngenxa yeengxangxasi zawo ezininzi. Kulo mlambo kuphila iindidi ezininzi zeentlanzi. Maxa wambi, abantu bayaziloba. Amanzi alo mlambo ayabanda, ngoko ke iingwenya azikwazi ukuphila kuwo. Kaloku zona zithanda amanzi abufudumala.

## Umlambo iLimpopo

Lo nguMlambo iLimpopo.

Ngumlambo wesibini omkhulu eMzantsi Afrika.  Lo mlambo ufumaneka kumazantsi-mpuma welizwe loMzantsi Afrika.

Unqumla amazwe amane uphumele kulwandlekazi i-Indiya. Ngenxa yokuba kukho intlabathi eninzi apho udibana khona nonxweme, iinqanawa zorhwebo ezithwele imithwalo azikwazi ukungena kuwo.

## Umlambo iLigwa

Lo ngumlambo iLigwa.

Eminye imilambo emininzi ibakho ngokuthi kudibane imilanjana ethile ndaweni nye, yenze umlambo omkhulu.

Lo mlambo mkhulu uhamba neminye imilanjana emininzi edibeneyo. Umlambo iLigwa yenye yemilambo enjalo. Ungowona mlambo oyingqokelela yemilanjana eMzantsi Afrika.

Kanti ke, iphondo iRhawutini nelaseFreyistatha afumana amanzi kulo mlambo.

## Umlambo iMolopo

Lo ngumlambo iMopolo.

Ufumaneka kwiphondo loMntla-Ntshona. Lo mlambo udibanisa ilizwe lase Mzantsi Afrika nelizwe iBotswana neNamibia.

Lo mlambo uhamba udibane nomlambo iGqili kude kufuphi nelizwe laseNamibia. Uhamba ude uye kuphumela kumazantsi olwandlekazi iAtlantiki.

Xa uwuvelela ngezantsi, ubona ukudibana kwawo nechibi laseKalahari.  Iinqanawa ezihamba phakathi koMzantsi Afrika nelizwe iBotswana zihamba kulo mlambo.

## Umlambo iNxuba

Lo ngumlambo iNxuba.

Umlambo iNxuba ufumaneka kwiphondo laseMpuma-Kapa.  Umlambo iNxuba uhlala unamanzi unyaka wonke.  Nokuba sele kubanda kakhulu amanzi ange angajika abe ngumkhenkce.  Imijelo yawo isoloko igeleza.

Kwiminyaka ekwakukho imbalela enkulu, amanzi aye ampontshwa asuka kulo mlambo iGqili.  Oku kwanceda iintlanzi eziphila kuwo zingatshabalali. Zininzi iindawo ezaziwayo zokulondoloza izilwanyana nendalo ezakhelwe kufuphi kulo mlambo.

## Umlambo iThukela

Lo ngumlambo iThukela.

Ubizwa ngokuba yiTugela namhlanje. Ufumaneka kwiphondo laKwaZulu-Natal. Ngowona mlambo ubalulekileyo kweli phondo.

Mhle lo mlambo uyabukeka, ngakumbi xa abantu bewubonela emantla. Babona ukuhamba kwawo kudederhu lweeNtaba zoKhahlamba, ude uye kuwela kuthotho lweengxangxasi ezibukekayo.

Lo mlambo uthandwa ngabakhenkethi. Babuka khona iindidi zeentaka, amaqwarhashe, iinkawu kwakunye nezinye iindidi zezilwanyana.

## Umlambo i-Breede

Lo ngumlambo i-Breede.

Ngumlambo ofumaneka eNtshona-Kapa. Uphuma kwiintaba ze-Ceres zephondo uye kuphumela kulwandlekazi i-Indiya.

Ungowona mlambo mde eNtshona-Kapa. Iifama namanye amaziko ophuhliso afumana amanzi kulo mlambo.

Umlambo iBreede udumile kubakhenkethi. La manzi awanazo iimvumbu okanye iingcongconi ezenza abantu bangazonwabeli ezinye iindawo ezinamanzi. Abakhenkethi bonwabela ukukhwela iinqanawe nezikhitshana kulo mlambo.



Ungcoliseko lwemilambo yingxaki enkulu kwihlabathi liphela.

Imilambo ingcoliseka kukulahlwa kwenkukuma kuyo. Loo nto yenza amanzi athuthwa yimilambo angcoliseke. Ikwaphembelela  ukuba kusetyenziswe iimali ezinkulu ekuwacoceni nakumachiza okunyanga abantu abaguliswa lolu ngcoliseko. Kufuneka maxa onke sikhuthaze ukugcinwa kwemilambo icocekile.

Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

Ulwazi Lwethu

ISBN: 978-1-77981-549-1
9 781779 815491